basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## NOVEMBA 2012

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha angama-22.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uqale ukuphendula imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Jonga kwisiqulatho esikwiphephapha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngeencwadi ozifundisiweyo kulo nyaka. Emva koko yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo unqwenela ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaTHATHU:

   ICANDELO A: ISihobe (30)
   ICANDELO B: INoveli (25)
   ICANDELO C: IDrama (25)

4. Phendula IMIBUZO EMIHLANU:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE

   IMIBONGO EMISELWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   IMIBONGO ENGAMISELWANGA – Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO B: INOVELI

   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA

   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEEMPENDULO KUMACANDELO B (INOVELI) NO-C (IDRAMA)

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundileyo.
   - Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.
   - Ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.
   - Ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C.
   - Sebenzisa uluhlu lokukhangela (itshekhlisti) ukukuncedisa.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Imibuzo emide kwiSihobe mayiphendulwe ngamagama angama-240.
   - Imibuzo kumacandelo eNoveli neDrama mayiphendulwe ngamagama angama-390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku.
   - Abalingwa mabathi ngqo babe semxholweni kwiimpendulo zabo.

7. Landela imiyalelo esekuqaleni kwicandelo ngalinye ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe ngayo imibuzo kwiphepha lemibuzo.

9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

11. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

**IPHEPHA LESIQULATHO:**

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **ICANDELO A: ISIHOBE**<br><br>**Imibongo emiselweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.** | | | |
|---|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **UMBUZO** | **AMANQAKU** | **INOMBOLO YEPHEPHA** |
| 1. UNkosana 'The Happyboy' Mgxaji | Umbuzo omde | 10 | 6 |
| **OKANYE** | | | |
| 2. Afrika likhaya | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| **OKANYE** | | | |
| 3. Unxunguphalo | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| **OKANYE** | | | |
| 4. Umlambo | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |
| **KUNYE**<br>Umbongo ongamiselwanga: Phendula nawuphi umbuzo omNYE | | | |
| 5. Intliziyo | Umbuzo omde | 10 | 11 |
| **OKANYE** | | | |
| 6. Intliziyo | Umbuzo omfutshane | 10 | 12 |
| **ICANDELO B: INOVELI**<br><br>Phendula umbuzo omNYE.* | | | |
| 7. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omde | 25 | 14 |
| **OKANYE** | | | |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| **OKANYE** | | | |
| 9. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omde | 25 | 16 |
| **OKANYE** | | | |
| 10. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |
| **ICANDELO C: IDRAMA**<br><br>Phendula umbuzo omNYE.* | | | |
| 11. *Amaza* | Umbuzo omde | 25 | 18 |
| **OKANYE** | | | |
| 12. *Amaza* | Umbuzo omfutshane | 25 | 18 |
| **OKANYE** | | | |
| 13. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omde | 25 | 20 |
| **OKANYE** | | | |
| 14. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 21 |

**QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**

## ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)

Kunyanzelekile ukuba uqwalasele olu luhlu lulandelayo ukuze uqinisekise ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|
| A: Isihobe (Imibongo emiselweyo) | 1–4 | 2 | |
| | **OKANYE** | | |
| A: Isihobe (Umbongo ongamiselwanga) | 5–6 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| B: Inoveli (Umbuzo omde OKANYE omfutshane) | 7–10 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| C: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 11–14 | 1 | |

**QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**

## ICANDELO A: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli***

### IMIYALELO

Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo eziNE ezimiselweyo nomNYE ongamiselwanga.

Umlingwa ulindeleke ukuba aphendule imibuzo ebuzwe kuyo nayiphi na imibongo emiBINI okanye naziphi na izibongo eziBINI ezimiselweyo; KUNYE nombuzo omnye kwimibongo okanye izibongo ezingamiselwanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongamiselwanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhethe imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-240 amagama.

IMIBONGO EMISELWEYO

### UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

Cacisa ngawakho amazwi okuqulethwe sisitanza ngasinye ukuphuhlisa intsingiselo yalo mbongo.

**UNKOSANA 'THE HAPPYBOY' MGXAJI – N Thuthani**

Sitshingitshan'esathi vumbuvumbu kunxweme lweMonti,
Sadungadunga olo lwandle lwasisiyaluyalu,
Saphul'iinqanawa yanguwaca endleleni,
Laxakek'ihlabathi inguqulukubhode,
Imbethi manqindi yaseMdantsane iqengq'ugodo.
..........................................................................
Uzibethil'iimbethi-manqindi zoMzantsi Afrika gqibi,
ElaseRhawutini nelaseKapa zikhuph'iinkunzi zalo,
Into kaMgxaji isenz'izimanga kumabal'aseMdantsane,
Yakungen'eqongen'ityityimbe itshawuza,
Ixel'umzi usombelwa zingxangxasi.
...................................................................
Zalwa zizijul'ijacu yem'entla into kaMgxaji.
Ebesith'akudibana nembethi-manqindi elolu hlobo,
Amelane nayo, ayiqhath'ibe sisitunxa,
Akudibana nenjeya azijike afane nayo angaxakeki,
De aqaqambe asamel'ekhuph'ezikrakra izithonga,
Yakuxhom'umgangatho awuxhome de athi vetshe,
Kulaph'ibikhon'imfihlelo yesakhono sakhe.
.......................................................................

Uzidaphul'ezaseTshayina zatoshatosha,
Uziphambanisele ezaseMelika zaqhana,
Wazibhovuza nezaseNgilane zee folokohlo,
Alandul'amaFrentshi athi ayingangawo,
ElaseRashiya labhebhetha lathi lisakhand'izikhali!!

EzaseJamani zixhomile zayikhomb'emva kwekaHitler'
Zathi zona zisakhoth'amanxeba eemfazwe zehlabathi,
Zamkhumbuza ngeenkunzi zaseItaly kwaTaliyane,
Zalandul'ezalapho zathi zinoxanduva lokwakh'ibhulorho,
Zathi kwalani angaweleli ngezo bhulorho
Ukuya kwezaseMzantsi Melika? **[10]**

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**AFRIKA LIKHAYA – W Shasha**

Kowu aphin' amadodana!
Ndikhwina nje ndililela ngaphakathi!
Intombi kabawo bayenzakalisile,
Izidlwengu zezidlamlilo.
Kugqub'oothikoloshe kwindlu kabawo,
Ngcango festile ziyalenga-lenga,
Sebekruthakruthe batyhoboza!
Rhuthu intong'am ndaphakamisa,
Yangen'imbumbulu bandosela.
Beza nomfundisi wathandaza,
Hlas'umkhont'am ndabibitheka:
Ndonda ngecabanga balambisa,
Yangen' imbumbulu bandosela.

Kunamhlanje nje ndondl' umgqakhwe;
Ndinkamankameka, ndirhubuluza,
Eyesondlo ndoyibamba ndiyokuwa!
Kowu, aphin' amadodana?
Baphi-i-n'abantwana bomthonyama?
Ntlambo zakowethu zintle,
Ziphinya-phinyela njengeNciba;
Kuz'iincegceya phezu kweendonga,
Nemingcunub'iyayokozela!
Mihle imilambo, zintle iintaba.
Ndogxek'iNciba noMzimkhulu
Ngokundigqinga ndingenzanganto.

Ndoy'entlango ndibiz'iinkamela,
Zisele la manzi ziwafince.
Ndothath'imihlakulo ndidiliz'iintaba,
Ndidibe le milambo ndinyhanyhathe,
Nditsho nditabhate ndiphangalale?

Ndongqiyaza ndigxanye-
Ndithintelwe lulwandlw!
Ndiguqul'umbombo–
Ndithintelwe lulwandle!
Gabalala mthebelele-
Afrika likhaya!

2.1 Yeyiphi le ntombi ithetha ngayo imbongi? (1)

2.2 Ingaba ukudlwengulwa athetha ngako kulo mbongo kuphuhlisa ntoni? (2)

2.3 Lo mbongo ubonakalisa ukuba umbhali wayephila kweliphi ixesha ezimbalini. Chonga impendulo echanekileyo.

A Ngexesha lokuthinjwa kwamazwe e-Afrika.
B Ngexesha loorhulumente bamaphandle eMzantsi Afrika.
C Ngexesha lokuphatha kukaThabo Mbeki. (1)

2.4 Mfanekiso mni esiwunikwa ngumbhali ngesifaniso 'njengeNciba' kumgca wama-20? (1)

2.5 Chaza indima edlalwe yile milambo ekhankanywe kumqolo wama-24 kubomi bembongi. (2)

2.6 Ingaba unjani umoya wembongi kulo mhobe? (1)

2.7 Myalezo mni odluliswa yimbongi kulo mbongo? (2)
**[10]**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UNXUNGUPHALO – N Shasha**

Ndivumeleni ndizityand'igila,
Ndiza kunaba ke ndixel'uqaqaqa,
Zonwabil'izizwe ngezizwe ndibukele,
Zihla zinyuk'iintlanga ngeentlanga zidabalele;
Ziyatabhat'izizwe neentlang'ezingenasazela,
Abantwana bokuzalwa banxunguphele.

Kuba ngasa liphalal'igazi lomAfrika,
Kuba ngahlwa agetyengw'elel'umnt'omnyama;
Liphalala kube lusizi kanye kwabokuzalwa,
Zininz'iinkedama zilile zade zakhedama;
Baninz'abahlolokazi bakhale de bancama;
Ndakujong'abomthonyama banxunguphele.

Iintshaba zibamokothis'inqatha bangquzulane,
Iintshaba zibanik'iqhosh'elingenamthunja;
Babhideka belambile bade babulalana.
Ungangxola n'umzi kaPhalo yile ndyikityha,
Intlungu esikuyo yaziwa ngoPhezukonke,
Ndakujong'abomz'oNtsundu bayantywizisa.

Iintshaba zilw'imfazw'engenagama nabamsulwa,
Zim'ezindleleni zingene koololiwe zidubule;
Zibulal'abant'abalusizi besifa bengenazixhobo.
Babulawa belel'obentlomb'ezinkomponi nakoololiwe,
Umbon'olusizi igazi linge ngumjelo wamanzi;
Akukho mthetheleli banxunguphel'abe-Afrika.

3.1 Chonga impendulo echanekileyo.

Ukuzityanda igila ngokwalo mbongo kuthetha:

A ukukhupha imbilini yakho.
B ukuxela into engabuzwanga.
C ukuthetha uziphikisa. (1)

3.2 Luvo luni oluphuhliswa ngumbhali kwimigca 5 no 6? (1)

3.3 Sesiphi isafobe esisetyenziswe kwimigca 7 no 8? Siphuhlisa ntoni? (2)

3.4 Xela abantu bomthonyama nezi ntshaba kuthethwa ngazo. (2)

3.5 Umbhali ukhankanye iindawo eziliqela apho babulawelwa khona abantu. Khankanya ibe nye. (1)

3.6 Luhlobo luni lombongo olu? (1)

3.7 Uthini umxholo walo mbongo? (2)
**[10]**

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMLAMBO – N Thuthani**

Ngumnyob'ozolileyo ohamb'utyhutyh'amathafa,
Isilo esizondlalileyo ukukhwez'imimango,
Amajikojiko uhamb'ubhijela endleleni yakho,
Yintlwath'ebhijel'ixhoba ukujikel'amagophe,
Waphel'umhlambi yinyok'ebimbilizayo.

Sisil'esitshayel'amabibi ukugutyula sisihlisa,
Wakugqquma ungagqib'uthi sisilo esikhulu,
Likhaya lezilo nabomlambo balapho,
Kumaw'amakhulu uhamb'uhamb'ubamb'iintlombe njengegqirha,
Wombelele kamnandi ube zingxangxasi utsawula usihlisa.

Ungad'ungahambi wakuva loo ntlombe yendalo,
Neembila zilapho zibhamp'emaweni zitshila,
Zisenzela loo mpepho kuyingxolo emnandi zidlala,
Ngumondli wesizwe kuba siphila ngawo,
Into kuhambo lwayo ihamb'inkcenkceshel'imithi enamagama .

Iham b'isondla nezilwanyana zamahlathi, neentaka zezulu,
Intili le ngumhlaba olinqatha iyaziwa ngabasemaXhoseni,
Umhlaba wentili usoloko unyakamile ufumile,
Ngenxa yempepho nefuthe lomlambo,
Sitsho silim'isizwe sivelise namhla ngembalela.

Sisilw' esicel' umngeni kwiintsunguzi zamahlathi,
Sihamba sigila siqwashaz' imithi emikhulu enamagama yalapho,
Nezilo ezikhulu zamahlathi zitsho ziwucezele,
Wobhasoph' endleleni wawo uhamb' ukhukulisa!
Uthwele amaxhoba unqwamza njengenyok'ebhijelayo.

Silondini nakuben' uluncedo nje,
Ngemv' ushiy' izikhalo, nezingqala,
Ushiy'imbubhane, ushiy'abahlolo nabahlolokazi,
Mdali weenkedama namahasi, mahlukanisi wabathandanayo.
..........................................................................................

4.1 Kukuthini ukubimbiliza? (1)

4.2 Chonga imfanozandi kumqolo we-9 uze uxele nomsebenzi wayo. (2)

4.3 Xa imbongi isithi, 'Umhlaba wentili usoloko unyakamile ufumile', ithetha ukuba:

A Umhlaba wentili usoloko ushushu.
B Umhlaba wentili usoloko ukhukhumele ngamanzi.
C Umhlaba wentili usoloko womile. (1)

4.4 Caphula igama elisetyenziswe yimbongi ukubonisa ukuba izilo ezikhulu zikhe ziwoyike umlambo. (1)

4.5 Kutheni umbhali ephikele ukuthi umlambo sisilo nje? Cacisa. (2)

4.6 Mfundisoni esiyifumana kulo mbongo? (2)

4.7 Umoya wembongi unjani kwisitanza sokugqibela? (1)
**[10]**

**KUNYE**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**

**IMIBONGO ENGAMISELWANGA**

Cubungula zonke izikweko nezimntwiso ezifumaneka kulo mbongo ubonise indlela eziwuphuhlisa ngayo umongo.

**INTLIZIYO – IV Mtamzeli**

Yimbangi yokuphila.
Ngundoqo womphefumlo.
Wakon'idal'isazela.
Ngumbhexeshi wazo iihambo-
Zincomeka, zigxekeka,
Kwiingcinga, kwintetha nokwenza.

Zicetyw'aph'iinkcuku
Zolwaz'olunkungu.
Yintlambo yeyelenqe.
Liziko lenqala geqe.
Luphinyano lwezabatha.
Nax'ithul'iyathetha.

Luxolo lukwanendawo.
Inzond'ixin'indawo.
‘Sitiya silinyw'iintlobo
Kummango wasekhohlo,
Kumndilili wezehlo.

Uhamb'ufathuleka-
Emaweni uyothuleka.
Unzulu ngokolwandle.
Ukhomba kwelezindle.
Kukuhle kuphuhlile,
Kukubi kuphuthile.

Ayikho kuw'inceba.
Uyingoz'elele ncwaba.
Kokuhl'uyacumza,
Ulinganise naw'ukhuza,
Kant'imbangi ikwanguwe.
Zonk'iintlobo zivela kuwe.

Namhl'uvez'awezadunge,
Okuhle bube njengobudenge.
Uyalinga ngenyaniso;
Uyakholwa lukhohliso.
Ukhwebel'elwagcibeni.
Wombel'emihadini. **[10]**
..................................................

**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INTLIZIYO – IV Mtamzeli**

Yimbangi yokuphila.
Ngundoqo womphefumlo.
Wakon'idal'isazela.
Ngumbhexeshi wazo iihambo-
Zincomeka, zigxekeka,
Kwiingcinga, kwintetha nokwenza.

Zicetyw'aph'iinkcuku
Zolwaz'olunkungu.
Yintlambo yeyelenqe.
Liziko lenqala geqe.
Luphinyano lwezabatha.
Nax'ithul'iyathetha.

Luxolo lukwanendawo.
Inzond'ixin'indawo.
‘Sitiya silinyw'iintlobo
Kummango wasekhohlo,
Kumndilili wezehlo.

Uhamb'ufathuleka-
Emaweni uyothuleka.
Unzulu ngokolwandle.
Ukhomba kwelezindle.
Kukuhle kuphuhlile,
Kukubi kuphuthile.

Ayikho kuw'inceba.
Uyingoz'elele ncwaba.
Kokuhl'uyacumza,
Ulinganise naw'ukhuza,
Kant'imbangi ikwanguwe.
Zonk'iintlobo zivela kuwe.

Namhl'uvez'awezadunge,
Okuhle bube njengobudenge.
Uyalinga ngenyaniso;
Uyakholwa lukhohliso.
Ukhwebel'elwagcibeni.
Wombel'emihadini.
.......................................................

6.1 Ngesivakalisi esinye, xela okuqulethwe sisitanza 1. (1)

6.2 Izono zentliziyo ngokwesitanza sesi- 2 zi:

A nkcuku, amayelenqe, izabatha kuphela
B zabatha, ukuhleba, ukuthengisa, inqala
C nkcuku, amayelenqe, inqala, izabatha (1)

6.3 Ithetha ukuthini imbongi ngentliziyo xa isithi, 'Sitiya silinyw'iintlobo.' Cacisa. (2)

6.4 Yiyiphi imigca emibini elandelelanayo etyhila ukuchasana kwezinto? (1)

6.5 Uyangqinelana okanye awungqinelani nembono yombhali ekwisitanza 5? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.6 Sisiphi isafobe esisetyenziswe ngokubalaseleyo kwisitanza sesi-5 nesesi-6. (1)

6.7 Luhlobo luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iinoveli ezimbini.
- Khetha imibuzo kwinoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMBUZO OMFUTSHANE**,** ukususela kumbuzo 7 ukuya kumbuzo 10**.**
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule**.**

**QAPHELA:** Ukuba umlingwa ukhethe umbuzo OMDE kwiCandelo B (kwinoveli) ayifundisiweyo; kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama). Ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwinoveli) kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCandelo C(kwidrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-390 amagama.

### UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

'... Kum ngathi ubomi bakho bube njalo kanye ... Ndinomfanekiso wakho ufika kwesi sikolo saseZazulwana ungumqhiqhibelana weqaba elingaxeli nokuba kuyasa'

Ubomi bukaThole buzotywa njengobebhadi, ukusukela eqandeni buhambe onke amabakala okukhula kwebhadi buye kuthi ga kwibhadi esele lilihle.

Ngqina uzixhase ngeziganeko ezikule ncwadi ukuba ubomi bukaMangaliso bube njalo. **[25]**

### UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zencwadi zingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

'Khanitsho madoda, ndize njani apha?' wabuza uThole engakhanga abulise nokubulisa kwesi sibini .
''Asazi nathi mfondini, yile sifuna ukukhe siyibuze kuwe. Sisi, khawusincede ngesitya mntakwethu,' watsho uThemba ekhupha ibhotilana encinci yotywala epokothweni kucaca ukuba akayinanze nganto le ibuzwa nguThole.

Yagoqoza intokazi eyayilapho yeza negilasi. Wayivula le bhotile uThemba wagalela wasela, waphinda wagalela wagqithisa kuThole esithi, "Khawubambe ntang'am uphozise amanxeba ayizolo." Uthi makawaphozise akatsho ukuthi makawathunuke. Wazilandula uThole esithi, "Uxolo madoda!" Wamjonga umzuzwana uThemba ethe chu loo gilasi yotywala ngesokunene ngesemfene ethe chu loo bhotile wayephokoza kuyo engcangcazelisa izandla nentloko okomntu onedumbe kuba babuse bumgqibile utywala, sel'engxamele ukuba nedumbe.

Ngoku ukhathazwe yile nto yokuzibona sowuseBhayi? Ukuba unjalo akunakulunga kweli lizwe, eli lizwe alifuni nkenenkene mfo wasemaKhomanzini, lifuna amadoda. Sela utywala obu mfondini ucime iintsizi,' watsho eyigqithisa igilasi kuThole.

8.1 Uze njani ke uThole lo apha? (1)

8.2 Safobe sini esi esi sisetyenziswe apha?

'Sisi khawusincede ngesitya mntakwethu' (1)

8.3 Khankanya ingxaki ibe nye angene kuyo uThole ngenxa yemeko zokuba angakwazi ukuzithathela izigqibo ezizezakhe. (1)

8.4 Khawusikhumbuze ngeempawu ezimbini ezincede uThole ukuba atshintshe kulo anguye ngokwesi sicatshulwa abe ngumfundisi ophume izandla. (2)

8.5 Le mpendulo ithi, 'Uxolo madoda' ikufundisa ntoni malunga neengxaki zokoyeliselwa kwiziselo eziyobisayo ngabahlobo? (1)

8.6 Sizathu sini esibangela ukuba umbalisi amzobe ngolu hlobo uThemba? (2)

8.7 Yiyiphi indlela yokuzoba abalinganiswa esetyenziswe ngumbalisi kwezi:

A Uzobo ngokumayana.
B Uzobo ngqo.
C Uzobo ngolwimi. (1)

8.8 Likuliphi inqanaba lesakhiwo ibali kule ndawo? Xhasa impendulo yakho. (2)

8.9 Yintoni le ibangela ukuba uThemba ambone njengenkene-nkene uThole? (2)

8.10 Ucinga ukuba sesiphi isizathu esibangela ukuba sithi uThemba noSonwabo abamzondi uThole? (1)

8.11 Siganeko sini esabangela ukuba uThole ayishiye idolophu yaseBhayi? (1)

**ISICATSHULWA B**

Athi ukungena kwawo la mazwi kuye abinza ngokwekrele, wabonakala engqunga phambi komnyango wecawa okwenkomo ibethwe eluphondweni. Wathi kuba wayelazi ibali ekwakufundwa ngalo ngumshumayeli lonyana wolahleko wakhathazeka, wanomfanekiso kaFikizolo ekhathazekile mhla washiya iGcuwa esiya eRhawutini. Wakhumbula umfanekiso awawubona eGoli eGood Hope Cinema, "*No love,no nothing till my baby comes home*" wacinga isikhalo saloo ntokazi yayikhala ngenxa yokulahleka komntwana wayo. Uthe esazula njalo apho phambi komnyango engazazi ukuba wenzani na weva ngomgcini-mnyango emkrweca emxelela ukuba kuvuliwe angangena, wothuka wanga ngumntu ovuka ebuthongweni ebephupha, wangena. Ukungena kwakhe kwakumiwe ngeenyawo kuvunywa iculo elitshayelela intshumayelo.

Bathe bakuhlala phantsi abantu wayiqalisa intshumayelo yakhe umshumayeli yonyana wolahleko, elichaza ibali laloo mfana elisusa mhla washiya ikhaya abazali bekhathazekile esiya kwantliziyo ndise eliphetha ngokubuya kwakhe esamkelwa nguyise elila. Ukuba umntu uThixo wayesazi ukuba intshumayelo yakhe imenzakalisa kanjani na omnye wabaphulaphuli ababekho kuloo cawa ngaloo mini, ndifuna ukuthi ngewayengazanga ashumayele ngohlobo awashumayela ngalo ngaloo mini, wayeya kusuka abe nosizi.

8.12 Ayesithini la mazwi awambinza ngokwekrele uThole? (1)

8.13 Isifaniso 'ngokwekrele' siphuhlisa ntoni? (2)

8.14 Balula indlela awayefana ngayo uThole nalo nyana wolahleko? (2)

8.15 Caphula amabinzana amabini abonakalisa ukuba lo mfo wayenomvandedwa. (2)

8.16 Bafana ngantoni uFikizolo nale ntokazi yayikhala kumfanekiso owawuse Good Hope Cinema eGoli? (2)

8.17 Sigqibo sini awasithathayo uThole ngenxa yentshumayelo eyayingonyana wolahleko? (1)
**[25]**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

'Mkhulu uThixo wakho Mfazwe' Ngqina la mazwi uzixhase ngeziganeko ezikule ncwadi ngobomi bukaMfazwe. **[25]**

**UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zencwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

Kwakungona ndigqithisela amehlo encwadini.
Igama lam lalibhalwe ngesandla ngathi besizoba. Ndandisiqhelile eso sandla sibhala ngathi besizoba.Yathi gubhu gubhu intliziyo yam ngoko nangoko yafuna ukuhlamba. USiqithi wandithi krwaqu nje xa ndiyinyhala kwingxowa engasemva, seyimnyama yi-oyile, akathetha, kodwa ndawabona amehlo akhe ukuba ayathetha.Wayengazi ukuba ngaphakathi ndiyazicengceleza izithuko, ndifunga kananjalo ukuba andisokuze ndiyiqhaqhe loo ncwadi ....
Endleleni uSiqithi wayengakwazi ukuthula ebambe ongezantsi, ekhuza inkohlakalo yesandla esitshise indlu yasekhaya, engabulibali nobundlobongela obabungene abantwana besikolo.

'Le nto mfo kamalume iyaya apho iyayo kwaye siseza kubona awoyikekayo wona amasikizi.' Ndangenelela nditshothozelisa ikungona ndiqaphelayo ukuba ndothukile.
Izandla zam zazinendawo engcangcazelayo, amadolo esuke anomtyhafane.'
Mna ndithi yimfazwe le. Abantu badiniwe yingcinezelo.'

10.1 Ngubani igama lalo mntu ubhalelwe incwadi? (1)

10.2 Loluphi uphawu awaqaphela ngalo ukuba incwadi yayivela kumntu amaziyo? (1)

10.3 Lithetha ukuthini ibinzana 'intliziyo yam yafuna ukuhlamba'. Khetha eyona ichanekileyo kwezi zilandelayo.

A Yathatha isepha namanzi yazicoca.
B Yaba msulwa yacoceka.
C Ndahanjelwa ngumzimba kukucaphuka. (1)

10.4 Igama'ndiyinyhala' liveza umfanekiso ntelekelelo wantoni kwesi sicatshulwa? (2)

10.5 Ubonise njani ukuba uMfazwe akazimisele kuyifunda le ncwadi. (1)

10.6 La mazwi 'Ndangenelela nditshothozelisa' awubonisa unjani umoya wesithethi? Cacisa. (2)

10.7 Khankanya izinto zibe mbini ezazisenzeka nezazingunozala wala mazwi athi, 'Mna ndithi yimfazwe le'. (2)

10.8 Wabubonakalisa njani uMfazwe ubuqhawe bakhe emngcwabeni kaMachule? (2)

**ISICATSHULWA B**

Ndathi bezingazange zindothuse zonke izothuso zasendle, ndothuka ndanesichenene ngamazwi alo mfo. Ndakhotha umlomo.
'Nokuba ungade uthwale loo mnqwazi, akunakuze undibhide, ufuna ntoni apha? Yintoni le usifaka kuyo mfondini? Uyalibona eli thafa, ligcwele ngamangcwaba enu. Nawe lo ke uya apho, thina akukho nto singayenza, alidlali eliya bhulu.''Uthe egqiba wabe sele ebuya umhlophe engxamile.
'Mfakeni evenini, sihambe naye.' Ndaya kufakwa ngasemva evenini, wona aya kucudaniselana ngaphambili.
Ndithe ukuba ndingene ngasemva, ndazibiza zonke izinyanya zasemaCirheni ukuba zindithethelele kwiminyanya, yona ukuba ayinakuza nampendulo kwiShologu elikhulu, ilibize lize ngokwalo, lingathumeli noNyana walo.
..........................................................................................................................
Ndithandaze ndathandaza ndaphelelwa ngamazwi ndayeka.

10.9 Yintoni eyamothusayo uMfazwe ukudibana kwakhe nalo mfo athetha naye? (1)

10.10 Wayewuthatha phi uMfazwe lo mnqwazi awuthweleyo? (1)

10.11 Caphula amazwi abonisa ukuba esi sithethi sasiqonda kamhlophe ukuba uMfazwe uza kubulawa naye njengabanye. (1)

10.12 Umbhali uludale njani unxunguphalo kweli nqanaba leli bali? (2)

10.13 Ukukholelwa kwizinyanya kumncedise njani uMfazwe? (1)

10.14 Chaza isizathu esabangela ukuba uMfazwe abe kule ndawo akuyo. (2)

10.15 Ingaba isigqibo sikaMfazwe sokukhetha umbutho iNtsimb' ebomvu saba sesona sifanelekileyo? Cacisa. (3)

10.16 Xela indima edlalwe bubufutshane bukaNdima ngeli xesha uMfazwe aya kwiNtsimb'ebomvu eThongo? (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiidrama ezi**mbini,** ukususela kumbuzo 11 ukuya kumbuzo 14.
- Kwidrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emibini; omde kunye nomfutshane.
- Khetha umbuzo ube mnye kwidrama oyifundisiweyo.

**KHUMBULA:** Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B; UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO C.
Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO B; UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-390 amagama.

### UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Isiko lokubonela abafana neentombi abalingane libe ngunobangela weengxabano nokufa kwabanye abalinganiswa. Bonisa oku ngokuqhubeka kule ncwadi. **[25]**

### UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Funda esi sicatshulwa sencwadi singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

| | |
|---|---|
| Zodwa: | Nkqo-nkqo! |
| Duma: | Ngaphakathi. |
| Zodwa: | Molweni. |
| Duma: | Kamnandi. |
| Zodwa: | (*Edidekile kuba uDuma ukhangeleka engenamazwi*) |
| | Nisaphila ke? |
| Duma: | Siyabalandela abahambayo, niboniswa ntoni ke nina? |
| Zodwa | Hayi, siphilile. |
| Duma: | Maze kuphinde kube njalo ke (*etsala isitulo*) |
| Zodwa: | Shu! Ndadinwa. |
| Duma: | (*Emkhumbula*) Tyhini madoda nguwe lo Zodwa? |
| Zodwa: | Ndim lo Cirha, ndithe nqa undibukula nje |
| | (*Bajongana ixesha elide bengathethi*). |
| Duma: | Wandiphoxa kodwa wena. |

| | |
|---|---|
| Zodwa: | Libala Cirha. |
| Duma: | (*Emhlalisa esitulweni, emenzela into eselwayo*) Ubekwa yintoni apha? Siphi esaa sidenge singuLizo? |
| Zodwa: | Sukundibuza isigebenga, uphi ubhuti wakho? |
| Duma: | Uyeza. |
| Zodwa: | Ngubani lo sisi? |
| Duma: | Ngugama wakho uZodwa. |
| Zodwa: | Usuka phi? |
| Duma: | EBhayi. |
| Zodwa: | Ubekwa yintoni eRhawutini? |
| Duma: | Xa seleshusha uthi waxabana nomyeni kanina. |
| Zodwa: | Kanti uphi uyise? |
| Duma: | Uthi wafela eKapa. |
| Zodwa: | Baphi abantakwabo? |
| Duma: | Uthi udade wabo mnye, wahlukana naye engekabi nangqondo. |
| Zodwa: | Umhm! |
| Duma: | Yintoni? |
| Zodwa: | Lo sisi ufana nosisi maLimakhwe waseBhayi, ndixakiwe kuba basweleka abantwana bakhe. Phofu uze kubani kule ndlu? |
| Duma: | Uze kum, sithengisa kunye iveji. |
| Zodwa: | Ndiyabona. |
| Duma: | Uyayibuza into. Uyazi ngantoni le ndlu? |
| Zodwa: | Umntu uyabhalelwa, umntu uyabuzisa |
| Duma: | Sekuhlala mna apha, uSidima ufumene elinye igumbi. |
| Zodwa: | Ndingambona njani? |

12.1 UZodwa lo ufikayo kanene yinkosikazi kabani? (1)

12.2 Uze kwenza ntoni apha eRhawutini? (1)

12.3 UDuma ukhangeleka emlibele uZodwa. Caphula ibinzana elingqina oko.? (1)

12.4 Le ntshukumo yokujongana kukaDuma noZodwa ixesha elide ibonisa ntoni? (2)

12.5 Uzama ukusivezela ntoni umbhali ngeli binzana, 'wandiphoxa kodwa wena.' (1)

12.6 UZodwa Zazile akamsulwa. Ngqina ngokunika isizathu anokusolwa ngaso. (2)

12.7 Chonga ibinzana elithi uDuma ukruqukile yile mibuzo kaZodwa? (1)

12.8 Wayephi usisi MaLimakhwe ekuthethwa ngaye kwesi sicatshulwa? (1)

12.9 Kungani ukuba uZodwa athi 'sisigebenga' uLizo kweli nqanaba lebali? (1)

12.10 Chaza umsebenzi wamagama abhalwe bukekela. (2)

12.11 Cacisa intsingiselo yegama 'undibukula'? (1)

12.12 Ziintoni ezingqina ukuba uZodwa noSidima bebengayekanga ukuthandana noxa betshatile nje? (2)

12.13 Ingayintoni esele ibangela ukuba uDuma athi xa ephendula imibuzo engoZodwa waseBhayi amane ukuthi, 'uthi'. (2)

12.14 Ukuba uLizo wayengamgxothanga uZodwa Zazile ucinga ukuba sasiya kuba sisiphi isiganeko esilandelayo kweli bali? (1)

12.15 Le nto yokuba siqala sikwagqibelisa ukumva uDuma ezithethela kulo mdlalo, ithetha ukuba udlala indima yokuba:

A ngumlinganiswa oyintloko
B nguValithuba
C ngumchasi (1)

12.16 Kwidrama, omnye umlinganiswa uyakwazi ukuchaza omnye, sithi yintoni loo ndlela njengokuba uDuma echaza uZodwa waseBhayi? (1)

12.17 Ucinga ukuba yintoni injongo yokuba umbhali azise aba Zodwa babini kwesi sithuba sebali. (2)

12.18 Cacisa okwaye kwaqhubeka emveni kokuba kufike uLizo endlwini kaDuma. (2)
**[25]**

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Ukulwelwa kwemihlaba nokukhusela inkcubeko yesizwe esimnyama kube ngunobangela wempalalo-gazi nokufa kwabanye abalinganiswa. Ngqina oku ngokuqhubeka kule ncwadi. **[25]**

## UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### *A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto

Funda esi sicatshulwa sencwadi singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

| | |
|---|---|
| Msika: | Kugqityiwe ke ngoku mawethu, uNobuntu<br>makabuyele apho ebevela. Yombela ntombazana!<br>(*Yatsho ingoma,kwasinwa, kwaxhentswa kwayiloo nto ...*) |
| Sekela: | (*Bucala*) Tshezi ndifumana iindatyana<br>ezingemnandi ngoVezile lo unyana<br>kaNdoyisile, intlola yangaphantsi apha<br>eNxongorha ukuba ubonisele amajoni<br>eqhuba iinkomo esihla ngehlathi elo<br>laseNxongorha.Uthi uzamile<br>ukuphandisisisa, wafumanisa ukuba benze<br>umonakalo ngaphezulu phaya eMthocwa.<br>Bawuvuthulule umzi kaBaw'uNtlane,<br>ixhego eliya ulibona phaya, batshayele<br>konke, abashiya nempunde kusapho lwakhe. |
| Msika: | … La madlagusha<br>akakayeki nangoku sesivunduza kangaka?<br>Krweca uMhlekazi phaya ngokukhawuleza.<br>(*Ahambe uSekela*) Khawutsho Hlathi,<br>bekuxesha liphi ukubabona kwakho? |
| Vezile: | Bekusemva kokulila kweenkuku zokuqala.<br>Ungalibali ke ukuba ezo nkomo<br>beziqhutywa zizinto apha ebezinxile<br>zingazazi namagama azo, zingxola,<br>zithukana, zinyelisana ngale ntetho isisiwiliwili ndingayivayo.<br>Ndikhe ndazilandela umganyana, ndazibona zisiya<br>kuqabela eXhuxhuwa, ndazibona xa<br>ziphumla, zimbi zishiya nezo nkomo ngenxa<br>yokudinwa nokuxabana. |
| Maqoma: | Kwekhu! Uyabona ke uSomerset,<br>ndandimxelele ukuba makandiyeke<br>ndizonwaye emhlabeni kabawo, wala.<br>Thuma abavunduzi nokuba balishumi baye kulanda ezo mpahla.<br>Thatha kanye phaya emathanga Vezile, uze kunika ingxelo<br>kwangobu busuku.<br>....................................................................<br>Makuyiwe. Ningaxhali Vezile, iminyanya<br>yakowenu inijongile.*(Bayakhahlela baphume)* |

| | | |
|---|---|---|
| 14.1 | Xela esi siyunguma bathetha kuso aba bantu? | (1) |
| 14.2 | UVezile uwabone nini la madlagusha ukuba asathe gqolo nokuthatha imfuyo? | (1) |
| 14.3 | Yintoni injongo yokusetyenziswa kwamagama akekeleyo kwesi sicatshulwa? | (2) |
| 14.4 | Nika izinto ezimbini eziphalazwe nguVezile kuSekela? | (2) |
| 14.5 | Uthetha ukuthini uSekela xa esithi, 'abashiya nempunde'? | (1) |
| 14.6 | Bunagalelo lini ubudlelwane phakathi kukaMaqoma noMsika kweli bali? | (2) |
| 14.7 | Caphula ibinzana kwintetho kaMsika ebonisa ukugqogqa. | (1) |
| 14.8 | Khankanya izinto zibe mbini ezibonisa ukuba la majoni ebengekho kwimeko ezinzileyo ngokwasengqondweni ngexesha esiba ezi nkomo. | (2) |
| 14.9 | Sizathu sini esasibangela ukuba amajoni athethe intetho angayivayo uVezile? | (2) |
| 14.10 | Zinto zini ezazisetyenziswa ngamadlagusha ukuxwila iingqondo zabemi beli? | (2) |
| 14.11 | Esi siganeko sikaMaqoma siphuhlisa ukuba eli bali liqhubeka ngaliphi ixesha kwimbali yoMzantsi Afrika? | (1) |
| 14.12 | Iimpahla awayeyalele ukuba ziye kulandwa uMaqoma zaphelela phi? Cacisa. | (2) |
| 14.13 | Nika iziganeko ezibini ezibonisa indima kaSomerset ekuqhubeleni phambili eli bali. | (2) |
| 14.14 | Xa uMaqoma eyalela ukuba kuthunywe abavunduzi baye kulanda iimpahla ubonakala engumntu:<br><br>A oligwala<br>B ongazibandeziyo ofuna impindezelo<br>C oboyikayo ooSomerset | (1) |
| 14.15 | Waphumelela njani uSomerset ukukhupha uMaqoma eTshokotshele? | (2) |
| 14.16 | Waphatheka njani uMaqoma ludaba lokukhutshwa kwakhe eTshokotshele? | (1)<br>**[25]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**